



Itshata yeeNguqu yeEMS

01

IFakhalthi yeeNzululwazi zoQoqosho noLawulo, elicandelo eliphambili kwiYunivesithi yaseStellenbosch, izibophelele ngokungathandabuzekiyo **ekulungiseni intswelobulungisa** yexesha eladlulayo.

02

Le tshata imiliselwe kwenye yeenqobo eziphambili zoMgaqosiseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika kwaye ixhasa **iinjongo zeSU ezingeenguqu** njengoko zicaciswe kuMbono weSU 2040

03

Umntu ngamnye kuthi kanti naxa sisonke siyathembisa ukuba **siya kuluncothula neengcambu ucalucalulo oluqingqiweyo kanti nolo luqhutywa ngumntu ngamnye** ngokusekelwe kubuhlanga, isini, ukuba ngumntu wasiphi isini, iminyaka yobudala, ukukhubazeka, inkolo, ulwimi, inkcubeko, umgangatho wezentlalo noqoqosho okanye amanqwanqwa ezikhundla

Uvelwano: ukuqonda nokunyamekela impilontle yabo bonke abafundi bethu nabasebenzi bethu (IsiCwangciso seeNguqu saseSU)

Ukuvuma iziphumo zezenzo: ukwamkela elona nqanaba liphezulu lokuzithwalisa uxanduva ngenxa yezenzo zethu (IsiCwangciso seeNguqu saseSU)

Ubulungisa: imbuyekezo ephendula oko kwathi kwenzeka kuthi kunye nokungabinayeme kwiminqweno yethu (IsiCwangciso seeNguqu saseSU)



Ulingano: "ukuxhamla amalungelo nenkululeko ngokupheleleyo nangokulinganayo njengoko kuchazwe kuMgaqosiseko" (UMthetho wokuKhuthazwa koLingano nokuThintelwa koCalucalulo oluNeyeme), nto ezo kuluntu olungalinganiyo zinokuphunyezwa lulingano.

Ukulungisa: ukulungisa izinto (ukunyanga izinto), ukufaka okunye endaweni yoku kuphulukenwe nako (ukubuyekeza) (Umgagqonkqubo waseSU woLungiso oluBonakalayo)

Ubulungisa eLuntwini: ukuxhamla wonke amalungelo nazo zonke iinkululeko ngokulinganayo, nto leyo inokubonakaliswa ngokwaba wonke amathuba, iinzuzo, amalungelo namaxanduva eluntwini okanye kwiqelaw elithile ngendlela engenayeme nenobulungisa, kungakhathalisekanga nokuba uluntu olo lunjani. (Iziko loBulungisa eLuntwini, SU)



Itshata yeeNguqu yeEMS

Sixhinele **ukukhulisa nokuxhasa umoya wenguqu** owamkela nobhiyozela kona oku kungafani kwethu nokwamkela ngokunjalo ezi zinto zixabisekileyo kuthi nezibonakala kwinkonzo zethu, ulawulo lwethu, ekufundiseni kwethu, ekufundeni kwethu, kuphando lwethu nakwizenzo zethu ezibanefuthe eluntwini

Siyaqhubeka ngokusebenzisa izixhobo zethu esinazo kwaye sisebenzisa nayiphi na enye inkxaso nemali ukwenza onke amacandelo ethu **abe ngabandakanyayo namakelayo**.

Le nto siyibona njengendlela esimisela ngayo **imigangatho emitsha yogqweso kwiAfrika nehlabathi liphela**.

Umbono wethu, ubizo lwethu kunye neenjongo zethu ziguqulwa zibe zizenzo ngokukhuliswa, ngophuhliso nangentlalontle yoluntu lwele fakhalthi ndawonye nabaxhamli bayo bangaphandle. Sizibophelela ekubeni yindawo yokusebenza ebandakanyayo, enentsebenziswano nekusetyenzwa kuyo ngemvisiswano, apho ubudlelwane obuhlala buhleli bunokukhuliswa kambe bukhuliswe, bondliwe buxhaswe ngokunjalo.

Oku sikubona njengendlela esidala ngayo eyona ndawo ikwaziyo ukukhuthaza ukwenza elungiselelwe ukuba wonke ubani abe nokwenza owona msebenzi wakhe uqgwesileyo. Siyayiqonda into yokuba **ukubandakanywa akuthethi kuginywa**.



- 01 Le fakhalthi ixhasa imekobume yobukrelekrele ekhuthelweyo, kunye nothethathethwano oluluqilima nolunomtsalane kubantu behlabathi bephela nolubadibanisayo ngokunjalo. Sixhinele **ukukhuthaza uphando, ukudala ulwazi, ukufundisa, uphuhliso lwekharithyulam kunye nobuchule kwezemfundo**, zinto ezo ziluncedo kwiAfrika neziphatheleneyo nayo.
- 02 Sizimisele ukukhuthaza **ubulungisa kubasebenzi bethu nasekugayweni kwabafundi ukuze sikhulise iinkokeli zexesha elizayo**.
- 03 Sizibophelele **ekuphenduleni nasekusebenzeni ngokuphandle** kwiinkqubo zokugaya nokunyusela.
- 04 Sibophelela iinkokeli zethu, abaphetheyo, ulawulo lwethu, nootitshala ukuba basebenzele ukucebisa, ukuqeqesha nokuphuhlisa abasetyhini, abantu abakhubazekileyo, abasebenzi bolawulo, abaphandi abasakhasayo kunye nezifundiswa ukuze **kuqhubele phambili ulungiso, ubulungisa kunye nokulingana**.
- 05 Ukuqinisekisa **ukumanyaniswa ngempumelelo** kwale tshatha ukuze ibe yindlela ekuqhutywa ngayo kule fakhalthi, **amacandelo aya kucwangcisa aze anike iingxelo ngezenzo ezinxulumene neenguqu**, ngxelo ezo ziya kusoloko zibekwe esweni kananjalo zivavanywe ngudini, ziinkokeli zefakhalthi, ikomiti yeenguqu kunye nabameli babafundi.
- 05 IFakhalthi yeeNzululwazi zoQoqosho noLawulo iya kusoloko ixhinele ukuba uluntu lube lolubandakanya wonke ubani nolulinganayo ngokuzinikela, ngokuqiqa nangobuchule ukwenzela ukuba bonke eSU bazingce ngelithi **"Likhaya lam eli. Ndingowalapha!"**